Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
FEBRUWARI 2017
Bulletin
Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Ngxatsho ke

BAFUNDI BOWAMA-2016!

USodolophu uRudolph Smith unqwenela ukuvuyisana nabafundi bematrikhi nootitshala baseHermanus High, abaseCurro Hermanus, abaseQhayiya Secondary, abaseGansbaai Academia, abaseHawston Secondary nabaseNorthcliff House College ngempumelelo yabo ebalaseleyo neziphumo zabo eziphezulu kwiimviwo zematrikhi zowama-2016.

I-Overberg District ifumene ezona ziphumo ziphezulu (92,7%) kwilizwe lonke.

"E-Overstrand sinethamsanqa ukuba nezikolo eziqhuba kakuhle nootitshala abazinikezeleyo emsebenzini. ndinqwenela ukuvuyisana nabantwana abaziphumeleleyo iimviwo zabo zematrikhi zowama-2016. Kananjalo ndinqwenela ukubulela bonke abafundi bethu bematrikhi bowama-2016 ngokuphakamisa iidolophu zethu nangokusibeka emephini - ngenene nisenze sanelunda ngani - siwongekile kukunxulunyaniswa nabantu abasebenza kakhulu abafana nani," utshilo uSodolophu.

"ndivuyisana ngokukodwa noConrad Strydom waseHermanus High ngokuphuma kwindawo yokuqala elizweni ngamanqaku angama-98%.

"Le yimpumelelo engayiwayo kwaye ndinqwenela ukubulela ootitshala abazinikeleyo emsebenzini ababalungiselela ukuba bafikelele kula manqanaba aphezulu kakhulu.

"Akwaba oku kungayinkuthazo nakubafundi bematrikhi bowama-2017 kubenze bafune ukufumana le mpumelelo iphezulu kangaka."

USodolophu uSmith ukhuthaze abo bangenzanga kakuhle ukuba bangalahli themba. "Asilolu viwo lunye olungenza ukuba kuthiwe aninampumelelo - khumbulani ukuba asikokuba mangaphi amaxesha owe ngawo koko kukuba mangaphi amaxesha okwaze ngawo ukuphakama emva kokuwa."

"I-Overstrand ifuna abantu abanobungcali kwaye imfundo sisitshixo sokuvula ukhula komntu nokoqoqosho. Ukuphumelela imatrikhi nokubhalisela izifundo zasemva kwematrikhi noqeqesho yimfuneka ephambili ukuze uqoqosho lwethu lufumane ubungcali obuyimfuneko ephambili," woleke watsho.

Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene: nguWendy Colyn (Intloko ye-Circuit 3); uBertram Loriston (UMphathi weSithili seMfundo saseOverberg); uAld Rudolph Smith (USodolophu wase Overstrand Municipality noSihlalo weHermanus High School Governing Body); uGreg Hassenkamp (INqununu yaseHermanus High); Elsa Strydom (Umama kaConrad) noConrad Strydom (Umfundi ophume kwindawo yokuqala kwilizwe lonke kubafundi bematrikhi kowama-2016).

IZIPHUMO

E-Hermanus High School kuphumelele i-100% kwakho nomfundi ogqwese bonke eMzantsi Afrika. Abafundi bagqwese bafumana ama-27 A, ama-31 B nama-56 C.

I-Curro Hermanus nayo ifumene i-100% labaphumeleleyo kwaye iwongwe njengesikolo esisenkcochoyini kwi-IEB kwiqela iCurro.

I-Northcliff House College nayo iyazingca ngempumelelo yayo ye-100%.

I-Qhayiya Secondary School eZwelihle ibe nesizathu sokubhiyoza njengoko iziphumo zayo ziphucukile ukusuka kuma-80,6% zangama-88,5%.

I-Gansbaai Academia ifumene ama-95, 18%. Umfundi wabo ophezulu uAnalo Yawa obenguSekela-Sodolophu weBhunga labatsha ngowama-2014 uphumelele emagqabini kwizifundo ezithandathu kwaye ube ngumfundi wokuqala kwimbali yesi sikolo ukufumana umdilili wamanqaku ongama-80% nangaphezulu.

I-Hawston Secondary ifumene ama-73,5%.

UKULAHLA INKUNKUMA NGENDLELA ENGEKHO MTHETHWENI KUBANGELA UNXUNGUPHALO OLUMANDLA

I-Overstrand yenye yeendawo eziseNtshona Kapa echaphazelekayo yimililo yamadlelo, isehlo esiqhelekileyo ngexesha lasehlotyeni.

Xa kushushu, komile kukho umoya, ngephanyazo umlilo omncinci ungabubeka emngciphekweni ubomi nezindlu. Ezinye izinto eziqhelekileyo ezingenabungozi xa zisetyenziswa ngokwesiqhelo zingaguquka zibe yingozi xa zitshiswa ngumlilo.

"Ngokwesiqhelo ukuze umlilo uvuthe zintathu izinto ezifunekayo: ngamafutha, ioksijini nento eqhwithayo. Phantse ukuba kunzima ukuthintela ukudibana kweoksijini namafutha, kodwa ngokuthi rhoqo sicoce kwiindawo zenkunkuma kwiindawo zethu ngokuqinisekileyo singayithintela imililo," intloko yezomthetho esandula kuqeshwa uJohan du Toit, ucacisile.

Ukulahla inkunkuma ngokungekho mthethweni kuya kuxhomisa amehlo nto leyo yenza ukuba kufuneke ukuba ibekwe emehlweni njengoko iyinto engekho mthethweni, isonakalisa okusingqongileyo kwaye izindleko ezinkulu zokucoca.

"Ukuba abantu basacinga ukuba bangaphuncula kule nto basaza kuqhuba bengcolisa," utshilo uDu Toit.

Amaphulo ahlangeneyo okucoca asungulwe ngamagosa ezomthetho neqela lolawulo lwenkunkuma ajolise kulahlo lwenkunkuma ngendlela engekho mthethweni akhuphe izohlwayo nezaziso zokucoca.

Sikhuthaza abahlali ukuba banike ingxelo ngaso nasiphi na isiganeko sokulahla inkunkuma ngendlela engekho mthethweni kwiOverstrand control room ku-028 313 8000/8111. Ngeziganeko zezikhalazo zezomthetho fonela ku-028 313 8980.

Okanye ungathumelela i-imeyile ku-enquiries@overstrand.gov.za uchaze indawo okanye idilesi nayo nayiphi na enye ingcaciso eza kuncedisa ekufumaneni loo mntu ulahle inkunkuma ngokungekho mthethweni.

Khumbula: Ukulahla inkunkuma ngokungekho mthethweni lityala. Abafunyenwe benetyala baza kudliwa.

Sidibene singakuphelisa ukulahlwa kwenkunkuma ngokungekho mthethweni iindawo zethu zitsho zicoceke.

UMASIPALA WASE OVERSTRAND FUMENE INGXELO YEZEZIMALI ENGENACHAPHAZA KOWAMA-2015/16

Engenisa ingxelo yakhe yonyaka-mali wama-2015/16 kwintlanganiso eyodwa yeBhunga ebibanjwe ngoMvulo, 23 Januwari 2017, uSodolophu uRudolph Smith wazise ukuba iingxelo zemali nezolawulo lokusebenza zaseOverstrand zifumene uhlolo olungenachaphaza eli ilityeli lesine iminyaka ilandelelana, sibulela abasebenzi bakamasipala waseOverstrand ngokuzinikezela kwabo emsebenzini.

USodolophu ukhuthaze ukuba kusetyenziswe imigaqo ephilileyo yokulawula ukwenzela ukuba iOverstrand ithi gqolo ifumana iziphumo ezihle zohlolo nezimvo ezamkelekileyo kuluntu.

Egameni leBhunga, uSodolophu, uSekela-Sodolophu noSomlomo bamkele ingxelo baqinisekisa ukuba baza kuqhuba betyala umoya womanyano, ubumbano nonyamezelo ekusebenzisaneni nabaphathi bakamasipala ukuhlala umasipala efumana iingxelo ezingenachaphaza.

I-Hermanus yamkele abathathinxaxheba be- Trans Enduro

Unyaka nonyaka amagosa asezantsi eSouth African National Defence Force (SANDF) afunda eMilitary Academy eSaldanha Bay athatha uhambo lweentsuku ezilishumi elinanye ehamba emhlabeni naselwandle esuka eBhayi ukuya eSaldanha eqokelela imali yokunceda abangenanto esenza nomsebenzi wokunceda uluntu kolu hambo lwawo. Olu hambo lunentsingiselo olwaziwa njenge- Exercise Trans Enduro, lujolise ekukhuliseni ulwazi lokukhokela nolwazi lokunceda uluntu lwamagosa asezantsi omkhosi.

IHermanus ibiyindawo yesibini phambi kweyokugqibela amise kuyo la majoni. NgoLwesihlanu, 2 Disemba 2016 uSodolophu waseOverstrand uAld Rudolph Smith ufumene iwonga lokwamkela aba bathathinxaxheba phambi kokuba abakhulule baye kwindawo yokugqibela iHout Bay.

Kwintetho yakhe yokubamkela uSodolophu ukhuthaze abafundi ukuba babonakalise ukunyamezela kwinto yonke abayenzayo. Olu luvo luphindwe ngu- Brigadier General LK Mbatha, owoleke wathi amagosa asezantsi kufuneka azame ukulinganisa uMadiba, umzekelo wesizwe oya kukhunjulwa ngabantu abaninzi.

Abathathinxaxheba abangama-200 kuhambo lwangowama-2016 bohlulwe bangamaqela amabini aneenjongo ezahlukeneyo: Abo bebehamba ngebhayisekile okanye bebaleka ukusuka kwidolophu ukuya kwenye (abo bebehamba emhlabeni), nabo bebehamba ngephenyane lerabha (iqela laselwandle).

Endleni apha iqela elihambe emhlabeni licoce izitrato neendawo ezikufuphi endleleni, lapeyinta izakhiwo zezikolo latyelela amakhaya omhlalaphantsi. E-Gansbaai iqela laselwandle lityelele ii-crèche eMasakhane apho lidlale ibhola ekhatywayo lanetheko nabantwana bale ndawo.

Imali eqokelelwe ngeExercise Trans Enduro iza kunikezelwa kwiiprojekthi zokuphuhlisa uluntu zaseStellenbosch University eziqhutywa nguMatie Community Service noMASIZA, umbutho wokukhonza uluntu weMilitary Academy.

Njengesiqhelo usodolophu wedolophu nganye ubhalela usodolophu wedolophu elandelayo ileta yeminqweno emihle. Apha uSodolophu uRudolph Smith unikezela ileta yeminqweno emihle kuExercise Commander Captain Gangashe oza kuyinikezela ukufika kwabo kummeli waseHout Bay. Abangasemva (ekunene) nguBrigadier General LK Mbatha noChaplain Nkuzo.

Nabo behamba! iqela elihamba ngeebhayisekile liyasuka kwizibuko elitsha eHermanus kumlenze walo wokugqibela wolu hambo lokunyamezela: Liya eHout Bay...

ISICELO SEZIMVO MALUNGA NOKUHLAZIYWA KOMTHETHWANA KAMASIPALA WASE-OVERSTRAND NGOYILO LOKUSETYENZISWA KOMHLABA KAMASIPALA, 2016, ISIKIM SOKUZOWUNA SIKAMASIPALA WASE-OVERSTRAND, 2013 NOKUQUKWA KWEZOWUNI ENGASENTLA

Iinkcukacha eziphelele yo malunga nokuhlaziywa okucetywayo ziyaf-umaneka ukuba umntu azifundele ngeentsuku zomsebenzi phakathi kweye-08:00 neye-16:30 kwiSebe: uYilo lweDolophu, 16 Paterson Street, Hermanus, kwiiofisi zabaLawuli eGansbaai, eStanford, eHermanus naseKleinmond; kuzo zonke iilayibrari zaseOverstrand; kuNdlunkulu kaMasipala eHermanus, nakwiwebhusayithi kamasipala ku- www.overstrand.gov.za.

Qaphela ukuba ithuba lokunika izimvo landisiwe ukusuka kumhla wokuvalwa obubekiwe ongumhla we-5 Febhruwari 2017 de kube ngowo-1 Matshi 2017.

NgeCawe, 12 Februwari, iOverstrand Arts/Kunste (OAK) iza kuba nekonsathi ye-lieder and opera eza kwenziwa yiMezzo Soprano, uJolene McCleland, nomdlali wepiyano owaziwayo waseMzantsi Afrika naseVienna uIlse Schumann. Bobabini aba badlali bomculo bahlala eVienna. USchubert, uVan Wyk, uObradors, uSieczynski, uBernstein, uWebber, uLe Roux Marais, uStoltz noRossini ngabanye babaqambi beengoma eziza kuculwa.

Le konsathi iza kubanjelwa eCivic Auditorium kwaye iza kuqala ngeye-15:30. Amatikiti (R130 nama-R60 kubafundi) ayafumaneka eBELLINI ku-028 312 4988 okanye emnyango. Fonela uRené du Plooy ku-082 940 4238 ufumane iinkcukacha ezongezelelweyo.

Jolene McCleland

Ilse Schumann

Ukuthintela ukuguquka kwemozulu luxanduva lomntu wonke - nolwakho ngokunjalo

ngokunjalo

Okusingqongileyo kwethu

kusezandleni zakho

Abo banethamsanqa lokuyibiza iOverstrand njengekhaya nabo basoloko betyelela amanxweme ethu beze konwabela indalo banyanzelekile ukuba bancedise ekulondolozeni le ndawo intle kangaka ezisa uvuyo kuthi.

Ewe, zininzi iinkqubo "ezisemthethweni" ezikhoyo zokuthintela igalelo lokutshintsha kwemozulu nokukhusela okusingqongileyo kwendalo ekuxhatshazweni. Koko njengabona "bazuzi" kobu buhle busingqongileyo asinakuhlala nje siyekele kwabasemagunyeni neqelana lamavolontiya ukulondoloza le ndawo njengesihombo.

Sonke kufuneka senze esinokukwenza.

Nangona ukuthatha inxaxheba kulondolozo lwendalo kubonakala kuyinaki eneneni kuthe ngqo. Ngokulandela izimbo ezimbalwa ezihambelana nokusingqongileyo nawe unganegalelo elilulutho:

- Ungaze uzisebenzise iimfunxa zeplastikhi: Ziyinkcitho ngokuphelelyo kwaye zilungcoliseko lwendalo oluqhelekileyo.
- Ngalo lonke ixesha yiba nebhegi onokuphinda uyisebenzise: Yiba nayo ebhegini yakho ezinye uzigcine emotweni yakho.
- Zilumkele iimveliso ezizizinto zokujonga isiqu ezineeplastikhi.
- Zilumkele iimveliso ezisongelwe zabotshwa kakhulu: Ukuba awunayo enye indlela kuphela ikukuba uthenge impahla esongelwe kakhulu qinisekisa ukuba uyazisebenzisa kwakhona ezi zinto kubotshwe ngazo ukwenzela ukuthintela ukuzala kweziko lenkunkuma.
- Musa ukumosha amanzi: Amanzi amdaka wasebenzise ekunkcenkcesheleni igadi yakho.
- Musa ukusela amanzi asebhotileni: Kukhuselekile ukusela amanzi etephu aseOverstrand njengoko newonga leBlue-drop lingqina.
- Musa ukuzilahla phantsi izitompi zesigarethi: Zidla ngokukhukuliswa zingene elwandle apho iintaka nezinye izilwanyana zolwandle ziye zicinge ukuba kukutya nto leyo eba yingozi kuzo.

Ewe, ungavolontiyela ukuncedisa kumaphulo ococo kwindawo yakho - vula iwebhusayithi ye-Whale Coast Conservation ku- http://whalecoastconservation.org.za ufumane iinkcukacha zeeprojekthi eziqhubayo.

Wonke umntu uyavuma: Limkile ixesha kwindalo. Ngako oko kungcono ukuba ibe ngulowo nalowo aqalise ukwenza loo ntwana anokuyenza.

Inkundla eyongezelelweyo iyaqhuba ukuba yimpumelelo

Nangona iNkundla eYongezelelweyo yeMicimbi kaMasipala ibingahlali yonke imihla ngexesha leeholide zokuphela konyaka ibisoloko ifumaneka ukuba ihlalele imicimbi ukulungiselela uluntu nokutshutshisa abantu abaziphethe kakubi esidlangalaleni.

Ebengama-322 amatyala ngoDiemba 2016, kuwo angama-257 ingamatyala ezeendlela angama-65 ingawolwaphulo-mithethwana. Abanye abantu kuye kwanyanzeleka ukuba amatyala abo abengahlawulwanga mawahlawulwe phambi kokuba bahlaziye amaphephamvume abo okuqhuba okanye babhalise izithuthi zabo.

Kube yimpumelelo enkulu ukutshutshiswa kwabantu abangayithobelanga imithethwana kamasipala. Umzekelo, Izindlu ebezingakheki ixesha elide nezidale umngcipheko kukhuseleko ngoku ziyagqitywa.

Kukhutshwe iisamana ezininzi zikhutshelwa abantu abangazisabelanga izilumkiso zeSebe lezeMililo zokuba mabagutyule imihlaba yabo njengoko ingayingozi ngomlilo. Uninzi lwale mihlaba igutyulwe. Inkundla ibe novelwano kangangokuba abophuli-mthetho abadliwanga kodwa ukuba baphindile kwixa elizayo baya kugwetywa qatha.

Abantu abaninzi abebesele utywala besezitratweni bathunyelwe iisamana zokuba bavele enkundleni, abafunyenwe benetyala badliwa. Amagosa oMthetho ngale ndlela aqinisekise ukuba idolophu yethu ibe yindawo ekhuselekileyo kubantu bayo nakwiindwendwe zethu ezize eholideyini.

NgoDisemba 2016, iNkundla eyoNgezelelweyo yeMicimbi kaMasipala isebenzisana namalungu oGcino-Mthetho neSebe lezeeNdlela bakwazile ukunceda uluntu ngokuqinisekisa ukuba umthetho nocwangco lugciniwe. Eyona njongo yale nkundla asikokutshutshisa koko kukufundisa uluntu ngaloo ndlela idale uluntu oluthobela umthetho.

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality

OVERSTRAND

Indlela yokubhalisela ukuncedwa nguMasipala usebenzisa i-SMS

Thumela inombolo ye-akhawunti yakho ngeSMS ubhale u-**SMS uyise ku-082 338 1631** okanye unxibelelane ne-Client Services Officer kwiofisi yeerhafu zikamasipala ekufuphi kuwe.